**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesibini)**

---

**Inja Yakowethu**

## UMBUZO 1

1.1 Ukugxininisa nokwakha isingqisho. (2)

1.2 Cwaka. (1)

1.3 Sisiqaqambisi. (1)

1.4 Le nja iyamthanda umniniyo kodwa ayikwazi ukuchaza / ayikwazi ukuthetha. (2)

1.5 Ziinyamazana. (1)

1.6 Kukuzibona zikude le. (2)

1.7 Ofana nay'uNgqoqo. (1)
**[10]**

## UMBUZO 2

***Aweselwa 3* – W. M. Kwetana**

2.1
2.1.1 -Mphakuli, -Msombululi, -Mvumisi, -Mbongi, -Ntyulubi. 2x1=(2)
2.1.2 Iinkosi zakwaXhosa zazingcwatyelwa kule ntaba. (2)
2.1.3 Sisigqebelo. (1)
2.1.4 Ngamadoda. (1)
2.1.5 Le nkosi yayinobuchule bokusombulula amatyala nezishiqi nokuba sele zinzima kangakanani na? (2)
2.1.6 Umgca - 8. (1)
2.1.7 Sisikhahlelo: A! Zilimbola. Nesiphelo: Ncincilili! (2)
2.1.8 Lwenza intetho ibumbane / Lwakha isingqisho. (1)
2.1.9 Ngunkosi Sipho Burns-Ncamashe. (1)
2.1.10 Yimigca 5, 6, nowe - 8. (2)
**[15]**

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.2 | 2.2.1 | Ithemba. | (1) |
| | 2.2.2 | Masifunde ukomelela kuba obu bomi bunzima kakhulu. | (2) |
| | 2.2.3 | Imigca - 8 nowe - 9. | (2) |
| | 2.2.4 | - Xa unethemba uyoyisa.<br>- Xa unethemba awutyhafi.<br>- Ithemba livelisa imizamo.<br>- Xa unethemba awoyiki nto.<br>- Ithemba liyaphumelelisa. | 1x4=(4) |
| | 2.2.5 | Imvano-siqalo / uphinda-phindo noshiyo lwezikhamiso. | 1x2=(2) |
| | 2.2.6 | Lunqamleziso. | (1) |
| | 2.2.7 | Qinani nomelele. Iyagxininisa ukubaluleka kokomelela. | (3) |
| | | | **[15]** |

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.3 | 2.3.1 | - Ukuzalwa<br>- Ukufa<br>- Ukuvuya<br>- Ukulila | 1x4=(4) |
| | 2.3.2 | Ingoma ivusa ithemba kwabo baphelelwe lilo. | (2) |
| | 2.3.3 | Ingoma iphilisa umphefumlo njengechiza liphilis' ogulayo. | (2) |
| | 2.3.4 | Wayexabise utywala nemidudo. | (2) |
| | 2.3.5 | Ikroti. | (1) |
| | 2.3.6 | Sisidlo / Luyolo / Luchwayitiso. | (2) |
| | 2.3.7 | Ngamagwala. | (1) |
| | 2.3.8 | Ingoma. | (1) |
| | | | **[15]** |

**OKANYE**

**ISIYOBISI**

Umgca - 1. Imbongi ithi isiyobisi ngumkhwa. - Sisikweko esi. Lo mkhwa mbi kwaye uqhutywa lubaxo.
Umgca - 2 Umkhuba - esi sikweko sikwathetha into enye nesi singasentla 'umkhuba'. Luphinda- phindo olu.
Imbongi igxininisa ububi besiyobisi.
Umgca - 3. Lo mkhwa uqalwa kancinane. Umgca - 4. Uqalwa ngendlalo kanti ngumlibe. Imbongi ibonisa indlela esingena ngayo isiyobisi emntwini. Kaloku umntu uqala ngathi uyadlala ukanti akasayi kuphinde ahlukane naso.
Umgca - 5. Iyolisa-mxhelo. Kwakhona esi sikweko sibonisa indlela esonwabisa ngayo isiyobisi esi. . ,-
Umgca - 7. Kumnandi kunjalo. Imbongi isibonisa indlela esimnandi ngayo esi siyobisi. Siyakukhuthaza ukuba ungasiyeki, usisebenzise rhoqo.
Umgca- 8. Siyole luncuthu. Imbongi isebenzise amagama azizifanokuthi. Ukuyola noncuthu ngamagama athetha ngobumnandi. Igxininisa ubumnandi besiyobisi.
Umgca - 9. Ithi imbongi 'sigrumb' engxoweni'. Isebenzise ubaxo. Eli gama lithi ukugrumba lisinika umfanekiso-ngqondweni wepokotho evuzayo ngenxa yokugrunjwa. Kucacile ukuba le pokotho asokuze ibe nemali kuba iza kuphuma ugqib' ukuyifaka nje, kaloku iyavuza.

Imbongi iyasilumkisa isebenzise ubaxo ukuze sicacelwe gca yindlela esiyigqiba ngayo imali isiyobisi esi.
Umgca- 10. 'Siwutheze nomzi kunga kusenxiweni'. Ithetha ukuba siyayichitha imizi yabantu iphele nya. Isebenzise isifaniso.
Umgca- 11. 'Singaye.' Eyona nto ibuhlungu kukuba lo mntu usebenzisa esi siyobisi akayiboni yonke le nto iqhubekayo. Kaloku yena 'seletyile' - Sisihlonipho esi esibonisa ukuba uhlala ezinxilele.
Umgca- 13. Apha imbongi icaphule kwiziBhalo ezingcwele. Ibonisa ubungozi bokungazi. Njengo- Adam no-Eva abazibona sebekwenkulu ingxaki yokugxothwa emyezweni ngenxa yokulukuhlwa yinyoka. Kunjalo ke nakumntu osebenzisa isiyobisi ngokusibaxa. Uqabuka sele esele yedwa, ekwenkulu ingxaki le ngenxa yokulahlekiswa sisiyobisi.
Umgca - 14. imbongi isebenzise isikweko ukufanisa isiyobisi nokhwekhwe. Ibonisa ukuba xa seside sakuqhela, sikuthi nca, namhla sel' ungasifuni uza kuzibhaqa sel' usisebenzisa. Asifuni ukwahlukana nawe kanye oku kokhwekhwe lungafuni ukukuyeka.

[15]

[30]

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 3

***Inzonzobila* - B.B. Mkonto**

3.1
Kuyakwamkelwa nayiphi na impendulo xa umvavanywa ekwazile ukuxhasa izimvo zakhe ngokuthe vetshe. Zimbini iimpendulo ezinokulindeleka:
Bambi baya kuvumelana nesigqibo sikaNomafa sokungamxeleli uZinzo, ukanti abanye baya kumsola kakhulu ngokufihlela umyeni wakhe inyaniso.

Nanzi ezinye iingongoma ezinokulindeleka:
UNomafa yinkosikazi kaZinzo. Wayekhathazeke gqitha lukruthwa-kruthwano olugqubayo phakathi komyeni wakhe noDlangisa oligosa lesekethe. Wayemthanda gqitha umyeni lo wakhe kuba wamonyula eludakeni. Ngexesha lobutsha babo wayekhulelwe umntwana kaDlangisa. Kwathi akumazisa uDlangisa ukuba unto, kwamhla wazinqikel' elineembovane. Wathukwa, wabethwa, wonyeliswa kabuhlungu nguDlangisa. Wathi phithi yintokazi ethile egama linguNomatshawe, nawayeyibiza ngepikoko. Wagqibela elahliwe ke uNomafa, waza uDlangisa watshata noNomatshawe lowo.
Ngethamsanqa uNomafa wacholwa nguZinzo ekobo bugxwayiba, exhwitheke okwexhwili. Wamzeka wamenza inkosikazi yakhe. Nomntwana lowo wakhuliswa wafundiswa nguZinzo. Wamthanda unyana kaNomafa uBhongo, wamphatha kakuhle kakhulu oku komntwana wakhe.

UDlangisa asakungafumani bantwana kowakhe umtshato, wakhumbula indlalifa yakhe ekhuliswa nguZinzo. Yaqala ke inkathazo. Wazama ukuthetha-thethana noNomafa efuna lo mntwana wakhe. Akazange avume uNomafa, wamvuthulula, emxelela ukuba lo mntwana nguQadi nozwane kuba waqhomfwa esesembilini ngumfo kaMaqhwa, onguDlangisa.

Waqala ke ngoku uDlangisa wachukela uZinzo. Wayemthuka, emonyelisa, emzonda. Eyona nto yayibuhlungu kukuba uZinzo wayengawazi unobangela wokuthiywa kwakhe nguDlangisa.
Bekuthi xa eyile enkonzweni, uDlangisa ashumayele ngalo Zinzo, esithi "Umqiqibala weqaba wakuqala ukufundisa nawo uzibona ukhucuke imbola, ungugqirha." Wayethetha njalo kuba uBhongo efundiswe nguZinzo wada waphothula izifundo zakhe zobugqirha. Zinzo lowo wayemfundisa ngemali ayifumana ngokuqokelela amathambo elokishi awathengise. Maxa wambi wayesithi uDlangisa xa onyelisa uZinzo: "Andithethi ngezi zinunza-nunza zingabameli bethu ezigqibela izinja zale lokishi amathambo." Zazimkhathaza gqitha uZinzo ezi ntetho zikwesayo zikaDlangisa. Yiyo loo nto uNomafa wayezibuza ukuba amxelele na okanye angamxeleli uZinzo ngale nyewe? Wayeneminzunzu elala obungehliyo ezama ukufumana isisombululo sale ngxaki kaZinzo noDlangisa.

1. EVUMAYO.
-Njengokuba uNomafa watshatwa nguZinzo enzima, umntwana kaDlangisa nowamlahla kwesinomhlwa akuba efumene ipikoko:
-UZinzo akazange ambuze uNomafa ukuba ukhulelwe umntwana kabani na? Koko wamchola, wamonyula kolo daka wayemfumene ebhuqa-bhuqeka kulo engenamncedi.
-Wabona kungcono angamvisi ubuhlungu ngokumbuza imibuzo eza kumophula umxhelo.
-NoNomafa wabona ukuba uZinzo akakhathalelanga kwazi nto ngoyise womntwana, mhlawumbi wayengafuni nokumazi kuba engafuni ukuzibhaqa enesifo samagxa.
-Wabona uNomafa kumlungele ukuthunga umlomo wakhe xa nomyeni wakhe ethanda njalo.

-Kwiingxabano ezaziphakathi koZinzo noDlangisa, uNomafa wabona ibubuchule into yokuzenza ongazaziyo, nongangeni ndawo, ukuze uZinzo angarhaneli nto.
-Wayecinga ukuba uDlangisa uza kude amncame unyana wakhe uBhongo xa yena Nomafa wayemxelela eziqhitsini ukuba laa rnntwana nguQadi nozwane.
-UNomafa njengekholwa kwinkonzo yakhe apho uDlangisa ekwaligosa khona, waqonda ukuba xa uZinzo enokuyazi into yokuba uDlangisa nguyise kaBhongo, loo nto ingamenza angafuni nokuyazi iCawa.
-Wayefuna uZinzo asondele nangakumbi enkonzweni, babe ngamakholwa bobabini. Indaba kaDlangisa yayiza kuluphelisa ukholo lwakhe.
-Ngokubona kwakhe uNomafa, ukuthunga umlomo wakhe kwakusesona sisombululo sazo zonke iingxaki ezikhoyo phakathi komyeni wakhe uZinzo noyise womntwana wakhe uDlangisa.

2. ELANDULAYO
-UNomafa yinkosikazi engalunganga. Unesibindi, unzulu, kwaye angambulala umntu.
-Wayembona uZinzo engcungcuthekiswa nguDlangisa imihla nezolo, abe uZinzo wabantu engayazi eyona nto ifunwa nguDlangisa kuye.
-Maxawambi uZinzo wayebuza kuNomafa ukuba umvile na uDlangisa xa emkwekwa okanye emthuka phakathi kwabantu? UNomafa wayezenza ongazange eve kwanto injalo, ade athi yena xa esenkonzweni akayelanga kutolika ntshumayelo.
-UNomafa kwakumele ukuba wamxelela kudala umyeni wakhe ngale nyewe, ingakumbi njengokuba la madoda ayesilwa roqo.
- Wayeza kuthini ukuba uDlangisa wayenokubulala uZinzo? Okanye uZinzo abulale uDlangisa? Likholwa elinjani eli elinezinto elizintywina phakathi kwamathambo esifuba?

- Yinkosikazi etheni le inokuhamba emini xa umyeni esemsebenzini iye kubhunga notshaba lomyeni wayo, ibuye itye tyum?
-Kona njengokuba engaxeleli nonyana wakhe inyani naxa selemdala olu hlobo, wayecinga ntoni? -UPozina ongumnakwabo Nomafa wada wathabatha umsebenzi angawuthandiyo wobupolisa, ezama ukufuna isikrelemnqa esangcungcuthekisa uNomafa lo ebuntombini bakhe.
-Uyawabona la madoda axakekile afunana nalo Dlangisa angamaziyo, yena uyamkhusela. -UNomafa isingathi wayengamthandi umyeni wakhe. Ukuba wayemthanda, wayengasokuze amyeke engcungcutheka ngesizathu angasaziyo.

-Into ebuhlungu kwada kwaqhekezwa emzini kaZinzo, kwathwalwa yena Nomafa lo. Kwatsha ivenkile kaMpahla, kwafa unyana kamfundisi Mgqwaki owayephakathi kuyo ngelixa isitsha.
-Lo monakalo ungaka ngewungazange wenzeke ukuba nje wayexelele umyeni wakhe inyaniso. -UDlangisa ngelixa wayebanjwa nguPozina waphantsa wadubula uZinzo kuba kwakukudala efuna ukumbulala kakade.
-Ukuba wayembulele, okanye abulale uBhongo, mhlawumbe kufe uPozina ngelo lixa wayezama ukudubula okanye kudubuleke kwayena Nomafa, wayeza kuthini?
-Inene ukuba wayeyiqhaqhe kudala intliziyo yakhe, la madoda ngaba ayithetha kudala le ngxaki yawo, ayisombulula yaphela.
-Lilonke uNomafa sisikhohlakalikazi somama ongenantloni nambulelo kumntu omenzele okuhle. -Akazange akwazi ukubonisa umbulelo kuZinzo owamchola elahliwe, wamhlamba, wamtshata, wamkhulisela umntwana, wababaphatha kakuhle noxa wayemazi umntwana ukuba asingowakhe. **[30]**

**OKANYE**

3.2
- 3.2.1 Uthetha noBhongo. (1)
- 3.2.2 Yiveni kaZinzo. (1)
- 3.2.3 Aba bantu bangamanene / bayahlonitshwa / bafanelekile emini kodwa ebusuku bazizikrelemqa / bangootsotsi. (2)
- 3.2.4 Le veni yayiphakathi kwamadangatye omlilo, kodwa yaphuma ingenawo nomqhwithi. Yaxelisa ooMisheki nooShadraki ababephoswe esithangweni somlil' ovuthayo, kodwa baphuma bengatshanga nakancinane. (5)
- 3.2.5 Wayemangaliswe kukubona inqwelo ingatshi kodwa iphakathi kwamadangatye avuthayo. (2)
- 3.2.6 NguDlangisa neqela lakhe lemigulukudu. (2)
- 3.2.7 UDlangisa wayemonela uZinzo, efuna ahlale elihlwempu. (2)
- 3.2.8 Waqokelela amathambo neebhotile, wathengisa. (2)
- 3.2.9 UnguSihlalo webhunga loluNtu. (1)
- 3.2.10 Uthetha ukuthi womelele kakhulu. (2)
- 3.2.11 NguNomafa. (1)
- 3.2.12 NguZinzo. (1)
- 3.2.13 Kukuthetha inyaniso. (2)
- 3.2.14 Yinyaniso yokuba uBhongo ngunyana kaDlangisa. (3)
- 3.2.15 Hayi. UDlangisa wada waya kuxelela uBhongo inyaniso. (3)

**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

## ICANDELO C

***Etshatile Engatshatanga* - S.C. Satyo.**

### UMBUZO 4

4.1
Nanzi iingongoma ezinokulindeleka:

-Kukho ungqquzulwano olukhulu olugqubayo kule ncwadi yokaSatyo. Luphakathi koSimeli noNokwanda inkosikazi yakhe, luphinde lube phakathi koNokwanda noYoliswa intokazi yaseKapa ethandana noSimeli. Kusenjalo izinto zingahambi kakuhle phakathi koSimeli nale ntombi yaseKapa, nalapho kubekho olunye uqhushululu nolwabangela ukuphela kothando lwaba babini.

-USimeli wadibana noYoliswa empangelweni apho kukorekishwa khona amaphepha eemviwo zebanga lesiBhozo. UYoliswa wayesebenza eBhayi phofu eyintombi yaseKapa. Waqeshwa nguSimeli owayengumphathi welo qela lalikorekisha amaphepha esiXhosa. Emqasha nje basele bevumelene ngezothando ngelixa uSimeli wayecele uYoliswa ukuba ampheleke, base amaphepha eemviwo ePitoli. Endleleni eya apho akazange akwazi ukuzibamba uSimeli ngenxa yobuhle nomfaneleko wenenekazi eli. Kwiincokwana zabo waphawula ukuchubeka kwengqondo yeli gqiyazana, ukanti nalo lalikwazi ukuphosa umnatha kumfo lo ngokumana liqutha umlomo ngendledlana apha eyayimphambanisa. Babuya bangena enkomeni bazama ukuba bangakrotyelwa sisipani sikaSimeli. Kodwa akubanga kudala, zavakala iindaba zokuwiswa kukaSimeli yintwazana eselula, neyayintle ngendlela emangalisayo. UNondotsololo owayengomnye weqela likaSimeli, wakhatywa yidonki esifubeni, wahamba waya kuzixela ezo ndaba kwinkosikazi kaSimeli egama linguNokwanda, ngelithi uzama ukuyivusa njengomntu oyaziyo.
-Kwaba mhla yaqala inkathazo emzini kaSimeli. UNokwanda walila amehlo abomvu krwe, nomqamelo wamanzi tixi. Yafika indoda yabuza ukuba kuhleni na? Hayi ke lwasuka udushe.
Baxabana kakhulu engavumi nanye umfo kaSixaba. Ebusuku wabhuda ethetha into engavakaliyo, wothuka inkosikazi yakhe isondele ebusweni kuye. Esakubuza isizathu, wathi uNokwanda uyive yonke inyaniso kuba indoda iyithethile ngelixa ibibhuda iphupha. Wakhanyela kunjalo uSimeli. Ukugrwangxulana nokuthukana kwaba yimpilo yabo yemihla ngemihla. Maxa wambi babede babambane nangezandla, umnene ahlale kubhongwana. Ilile inkosikazi incediswe nangabantwana. Wakha wafuna nokubuyela kokwabo uNokwanda esithi woyiswe ngumendo, kodwa uMaXaba onguninakakazi wabetha ngenqindi phantsi esithi makalwele amalungelo akhe obufazi. -Kumuncu kunjalo ke emzini kaSimeli, naanko uYoliswa etsalela uSimeli iminxeba khona phaya emzini wakhe. Ubesithi akukhov' ukuthetha, uNokwanda afune ukwazi ukuba ngubani na obethe ucingo? Iqale phantsi ingxabano yemihla ngemihla. Maxawambi uNokwanda awutsibele umnxeba wakukhala. UYoliswa amxelele ukuba akafuni yena, ufuna uSimeli, kungenjalo athi putyu, alubeke phatsi ucingo. UNokwanda wayesuka aphambane, afuthe okwerhamba, onde ngoSimeli. Ngenye imini wafuna ukumtsibela kwiindawo abohlukene ngazo. Yathula tu inkosi ayashukuma nakancinane, yamjamela okwenyoka ibona isele. Waqonda uNokwanda ukuba uza kufa engathandazanga, wamyeca ngeenzipho emathangeni. Umnumzana akazange yena azikhathaze nganto ininzi, waxoxa nobhongwana, kwatsho kwavakala iincwina ezahlukeneyo kwinkosikazi leyo.

Eyona nto ke yayimenza ajwaqeke nangakumbi uNokwanda, kukuba emva kwezi ngxabano zemfono-mfono, umyeni wakhe wayesuka aphume ahambe, aye kulo Yoliswandini. Ubedla ngokubuya ebusuku kakhulu okanye angabuyi kwayena ngamanye amaxesha. Yaqhuba le ntlalo sele kungasekho othetha nomnye kweli khaya. Kusakubanjalo atsale umnxeba uYoliswa, baqale phantsi ukulwa.
-Ngelinye ixesha uYoliswa *ubefonela* kwaSimeli esazi kakuhle ukuba akekho ekhaya, qha nje echukelana noNokwanda. Ngenye imini kwathi esaphendula uNokwanda wathi uYoliswa: "Njengokuba utyisa imali yam ngefoni nje yinto yokuba usazi ukuba ayizi kuhlawulwa nguwe, iza kuhlawulwa nguSimeli." Waba nomsindo uNokwanda wamthuka esithi yinyaku-nyaku engenazo iintloni, ezivuza okwenyamakazi, ezivuza okwevuzi. Wahleka kakhulu uYoliswa emnxwala, akugqiba wathi putyu, wawubeka phantsi loo mnxeba. Umzi kaSimeli wawusemngciphekweni wokuchitheka ngenxa kaYoliswa.

-Kwathi akuqonda ukuba uzifake zatshona ezakhe iinzipho kulo mfo wakwaSixaba, waqala wazenza umfazi wesibini. Wayenesikhwele esimangalisayo, engafuni uSimeli abuyele emzini wakhe ukuba ebeze kumtyelela. Ngelo lixa wayeqeshe ihotele ekufuphi nomzi kaSimeli esenzela ' ukumbona rhoqo. Wayefuna nokwazi ukuba yena uza kutshatwa nini na? Zizinto ezazidla ngokubaxabanisa ke ezo, kodwa intombi ikhawuleze ngoncumo nokwanga indoda, ziphele zingadanga zaya kude ezo ngxabanyano zabo. Kusenjalo wangena nasepokothweni kaSimeli. Wayedla ngokuboleka iimali ezinkulu kodwa angake atsho ukuzibuyisa.
Enyanisweni wayengakwazi ukwahlulela phakathi kwemali ayiphiwayo nayibolekwayo. Wayethengisa uSimeli neempahla zikaNomasomi intombi yakhe. USimeli wabona ukuba uyaphela emalini waza ngenye imini wabiza imali yakhe engamaR500-00 newayemboleke yona. Wothuka gqitha uYoliswa akuva uSimeli ebiza imali yakhe wabuza ukuba umthatha njani na? Angathini ukutyala uSimeli? Wabuza uSimeli ukuba kanti uyarentisa na? Waba buhlungu kakhulu uYoliswa akuva loo mpoxo. Wathi uza kuya kuyifuna loo mali nokuba angayifumana njani na?

Wabuza uSimeli ukuba nokuba angaya kurentisa komnye umntu na? Wakhuza esithi irente kaYoliswa iphakeme. Weva ubuhlungu uYoliswa, waphakama kwa oko waqoqa iimpahla zakhe, wabuyela eKapa, eshiya uSimeli elimele emphefumlweni ngenxa yokuchithwa komzi wakhe nokutyelwa imali ngolo hlobo. Kwathi akudibana noNomvelelo emva kwezo nxwaleko, kwathi uNomvelelo akumbuza ngoYoliswa, wathi angamkhumbuzi ngelo bhadakazi nomphangi. Wayesel' emfanisa nenja ekhonkothayo, engafuni nokuphinda ambone ngamehlo akhe. **[30]**

**OKANYE**

4.2
4.2.1 NguNondotsololo. (1)
4.2.2 Uthetha noNokwanda. (1)
4.2.3 Kusemzini kaNokwanda. / kwaSimeli. (1)
4.2.4 NguYoliswa waseKapa. (2)
4.2.5 Akafuni kummonela. (2)
4.2.6 UNondotsololo wayesebenza nomyeni kaNokwanda. Uthe akubona ukuba kunentombi yaseKapa athe phithi yiyo emsebenzini, waya kuhlebela uNokwanda ngelithi uyamvusa njengomfazi, amadoda afana wonke. (5)

4.2.7 UNokwanda wothuka yile ngxelo, wadana kakhulu. Kwathi kanti uwuphe **mbile** umlilo emzini kaSimeli usisi Ndotsi. Emva koku akuzange kuphinde kubekho lonwabo phakathi kwaNokwanda nomyeni wakhe. Babexabana, bagrwangxulana xa bethetha. Maxawambi bathukane, bade babambane nangezandla. (5)
4.2.8 Sithetha ukuthi bathabatheka lula. (2)
4.2.9 Usisi Ndotsi wayenomona kuba uNokwanda ezihlalele kakuhle emzini wakhe, ngelixa owakhe umzi (uNondotsololo) wawuchitheka. (2)
4.2.10 Ingamashumi amabini anesibini / 22. (1)
4.2.11 Ngumyeni kaNondotsololo. (1)
4.2.12 Kusemzini / Kusemendweni. (1)
4.2.13 Sithetha ukuthi benza izinto ezingalunganga ezifana nokuthandana ecaleni kodwa umntu enosapho lwakhe. (2)
4.2.14 Kuxa izenzo zakhe zifana nezomntu oshiywa ziingqondo. (2)
4.2.15 Ngamantombazana angenasidima, enza izenzo ezingamkelekiyo eluntwini. (2)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE 100**

**ISIPHELO**